Mbizana Local Municipality

IINDABA ZASEMBIZANA UKUSUKA

KU APRIL—JUNE 2015

VOLUME 1, ISSUE 4

VOLUME I, ISSUE 4

AMAZWI OMHLELI

Njenganga phambili, olu shicilelo no papasho lwalo lindixesha lubonakalisa ezinye zezintetho athe wazenza u Rhulumente ngenjongo yokuphuhlisa uluntu lwakowethu. Ixesha esijonge kulo ngu April de kufikelele kwinyanga ka June. Zikhona izinto ezenziwe ngu Masipala ukanti zikwakhona ezo zenziwe ngamasebe ka Rhulumente alapha e Mbizana kodwa yonke loo nto siyibiza ngokuba ngumsebenzi ka Rhulumente. Kwakhona sifake neeprojekthi ezigqityiweyo nezo zisaqhubekayo ngenjongo yokwazisa iinzame zika Rhulumente uluntu lwakowethu. Siyathemba niyakuyonwabela le ncwadana ukuze siqhubeke nokuyiphucula kodwa nisengasicebisa nifake amava wena ngalencwadana kuFacebook wethu (Mbizana Local Municiplaity) okanye kuTwitter wuthu (@MbizanaLM).

MR T. CWIBI—COMMUNIOCATIONS MANAGER

AMAGOSA EZONXIBELELWANO

Miss K. Kondlo

Miss N. Njikija

Miss C. Vatyana

Miss Y. Dlembula

Miss V. Nozihamba

CONTENTS

Volume 1, Issue 4 April– June 2015

COVER STORY

Iphethulwe isoyi yomgwaqo uR61

Inkonzo Zophuhliso
iProject eziqhutywayo nezo zigqityiweyo…….Page 6 & 7

Inkonzo zophuhliso
Ingxelo yombane…….……...……..Page 8

Inkonzo zophuhliso
Usomlomo undwendwela ilali zaseMbizana……..…….Page 10

Ukungenelela kukaMasipala
UMasipala ukhuthaza imfundo kubantwana abancinane……..…….Page 15

Ezedolophu
Iphulo lokucoca idolophu……Page 12

Ezenkolo
IPhulo lokuthandazela ukhuseleko kwilali ngelali……...Page 13

Ezokuxhobisa uluntu
Iphulo lokufundisa ngamalungelo……..Page 18

Amanye amasebe kaRhulumente
Isebe lezamakhaya, luphuhliso loluntu kunye nelezolimo……..…….Page 14, 15, 16

Imibhiyozo
Iveki yethala lencwadi, Uboniso lwempahla zabathungi kunye nosuko lwamaFama……...Page 11, 17, 19

Ilizwi elivela kwiBhunga

Njengosihlalo webhunga laseMbizana kuyandonwabisa ukubona ukuba ibhunga lisebenze kangangoko linako ekuqinisekiseni ukuba imigomo nemigwaqo ebimiselwe unyaka mali ka2014/2015 siyenzile.

Ngokujonga kwethu, zonke izicwangciso zebhunga zenziwe kakuhle kwaye lonto iyabonakalisa ukuba urhulumente waseMbizana uyasebenza kwaye imfuno zabahlali zibekwa phambili kuba bevela kwiIDP yalomsipala. Umsebenzi webhunga kukuqinisekisa ukuba izigqibo zebhunga ziyalandelwa ukanti rhoqo ngekota ibhunga liyadibana liphicothe inkqubo kamasipala uba isahamba kakuhle na ngokwemigwaqo siseko karhulumente. Amakomiti asekuhlaleni nawo anenxaxheba enkulu ayidlalayo ekuphuhliseni iilali zakowethu kungoko nje siqinisekisa silibhunga ukuba wona makadibane rhoqo ngenyanga ukuze sazi ukuba banengxaki ezinjani kwezilali basebenza kuzo. Umbane, iindlela kunye nokwakhiwa kwezindlu siyaqhayisa ngazo kuba zizinto esisebenza ngokuzinikela silibhunga ekuqinisekiseni ukuba abahlali baseMbizana bayaxhamla kuzo. Ndiyathemba ukuba nizoyonwabela lengxelo iphethwe kulencwadi yomsebenzi esiwenzayo thina njengabathunywa benu.

CLLR T.D. MAFUMBATHA

INTETHO KASODOLOPHU

Lupapasho lwesine olu kunyaka mali ka2014/15. Injongo yalencwadana kukwazisa uluntu ngophuhliso oluqhutywayo nguMasipala waseMbizana. Kulencwadana kukho iProjekti ezikumanqanaba ohlukeneyo, ezinye zisaqhubeka ukanti ezinye sele zigqityiwe.

Kwakhona sibonisa imeke apho umasipala athetha noluntu khona ngezinto zophuhliso, ukwakhiwa komgwaqo uR61 ukusuka eCasino ukuya kuma eMagusheni ngentywenka yemali eyi R930 Million. Yinto ebalulekileyo kakhulu kuba izakuvelisa imathuba emisebenzi kuphucukenemeko yomgwaqo kuze kuphele iingozi.

Kwakhona kulekota yesine, kuqhutywe ukhuphiswano lwendebe kasodolophu apho ulutsha beluzibonakalisa khona kwintlobo ezahlukeneyo zemidlalo.

Oku kuncedisa ekubeni ulutsha luzigcine luxakekile ukuze lungangeni kwizenzo zobugebengu kwanokutya iziyobisi.

Siyabulela ngegalelo lenu kwiiMbizo zeIDP nohlahlo lwabowo lwemali, yaye igalelo lenu lenza ukuba isicwangcwiso ese IDP sibesemgangathweni. Sijonge phambili kwintsebenziswano kunye nani yaye siyanibongoza ukuba nithi gqolo ngokuya kwiimbizo zophuhliso ezikhwetyiweyo.

CLLR M.M TWABU

IPROJECT EZIQHUTYWAYO

NAME OF PROJECT	DESCRIPTION	BUDGET	WARD
R61 – Malola Access Road	Construction stage	R 7 343 711.44	26
Nqabeni – Qolintaba Access Road	Construction stage	R 2 646 173.53	09
X – Yange Access Road	Construction stage	R 4 437 366.78	03
Mntomkhulu – Gxeni Access Road	Construction stage	R 3 554 173.34	12
Makhosonke Community Hall	Construction stage	R 2 790 764. 74	15
Luphilisweni Sports field	Construction stage	R 2 580 876.43	09
Nkulisa Access Road	Handover pending	R2 953 933.61	27
Bawonemoto—Mkolweni Access Road	Construction stage	R2 687 397. 92	14
Ngojane—T–Road Access Road	Construction stage	R 4 336 135.06	14
Meje Access Road	Construction stage	R1 875 000.00	14
Nqabeni—Qolintaba Access Road	Construction stage	R 2 646 173.53	9
Manzamnyama—Ebathenjini Access Road	Handover Pending	R 2 479 511.95	16
Mthonjeni—Gwexe Access Road	Construction stage	R 684 252.47	22
Majazi Community Hall	Construction stage	R 2 103 824.04	07
Ward 15 Sports Field	Construction stage	R 150 000.00	15
Mabuya Access Road	Evaluation stage	R 3 750 000.00	18

IPROJECT EZIQHUTYWAYO

NAME OF PROJECT	DESCRIPTION	BUDGET	WARD
Cwaka Access Road	Awaiting Appointment	R 2 250 000.00	29
Madada – Holy Cross Access Road	Awaiting Appointment	R 3 750 000.00	11
Vuyisile – Nyandeni Access Road	Consultant appointed	R 3 668 912.78	19
Sithukuthezi – Madlebetshe Access Road	Design Stage	R 6 158 515.57	03
Tankini – Mdibi Access Road	Design Stage	R 2 364 026.24	04
Mbono – Khotsho Access Road	Consultant appointed	R 3 205 032.48	30
Lundini – Mtshawedikazi Access Road	Consultant appointed	R 6 018 880.03	28
Mdozingana Access Road	Consultant appointed	R 6 445 610.50	31
Dipini – Msomi Access Road	Consultant appointed	R 2 248 946.77	24
Mbhojeni – Ngele Access Road	Consultant appointed	R 3 727 873.96	02
Khumbuza Community Hall	Design Stage	R 3 087 000.00	25
Nyaka Community Hall	Design Stage	R 3 087 000.00	20
Ward 17 Community Hall	Design stage	R 3 087 000.00	17
Butshengweni Access Road	Construction	R 2 947 507.27	16
Extension Makhalendlovu – Lucingweni Access Road	Construction	R 3 205 585.32	30
Mabheleni – Mtamvuna Access Road	Construction	R 2 625 000.00	05
Mzamba Community Hall	Construction	R 2 470 259.77	07
Mhlabi Community Hall	Evaluation	R 2 940 000.00	12
Thaleni Bridge (Temporary Structure)	Construction	R 1 278 802.57	27
Ntshikitshane – Bukuveni Access Road	Construction	R 3 375 000.00	08
Makhwantini – Matshezi Access Road	Construction	R 7 500 000.00	25
Makhwantini Sports Field	Evaluation	R 2 400 000.00	25

Ingxelo Yombane

NAME OF PROJECT	WARD NUMBER	NUMBER OF CONNECTIONS	PROJECT COST	STATUS
Mgodini, Mbangweni, Mantusini and Mcitshweni	10	1149	R 17 310 870.63	Under Construction
Monti / Ntlozelo	19	1615	R 26 503 000.00	Contractor appointed
Gumzana	22	411	(R12 949 547.20)	Evaluation stage
Mqonjwana / Lugwijini	18 and 22	496	(R14 634 596.40)	Evaluation stage
Mpunzi drift and Nobamba	18 and 21	318	(R 7 138 284.65)	Contractor appointed
Madiba	2	576	R 8 205 209.60	Contractor appointed
Gudlintaba	2	401	R 8 409 089.18	Contractor Appointed
Ngele	2	423	R 6 333 686.23	Under Construction
TOTAL AMOUNT		**5389**	**R 101 484 283.89**	

UPHUHLISO LWASEMBIZANA

UMFANEKISO: Umgwaqo wakwa ward 1 ngelixa usalungiswa.

UMFANEKISO: Umgwaqo wakwa ward 1 emveni koba kugqityiwe ukulungiswa

UMFANEKISO: Umgwaqo waseMbizana ungekakhiwa

UMFANEKISO: Umgwaqo waseMbizaana emveni kokuba ulungisiwe.

UMFANEKISO: Umgwaqo waseMayila osalungiswayo.

UMFANEKISO: Ukwakhiwa kwezindlu zangasese zaholo yaseNewtown.

Imbizo zikaSodolophu

Ngenyanga ka April, ohloniphekileyo u MM Twabu negqiza lakhe bandwendwela I iward zase Mbizana bephicotha umqulu we IDP , imali ebekelwe iinkonzo zika Masipala kunye nengxelo etshoyo ukuba inkonzo zicwangciselwe phi kunyakamali ozayo.

Injongo yezimbizo kukufumana izimvo zabahlali ngokwenkonzo abazidingayo ngokwelali zabo ukuze umasipala akwazi ukuqokolela izozimvo kuzanywe ukuncediswa abahlali. Ezona zinto bezitshisa ibunzi ibi ngumba wamanzi ne zindlu zangasese,umbanekunye nezindlu zomxhaso , nangona zininzi izikhalazo abahlali bambulela usodolophu ngegxathu lithathileyo ekuncediseni uluntu lwese Mbizana luphume ekuhluphekeni.

UMFANEKISO: Abahlali ngelixa usodolophu endwendwele iiward zaseMbizana.

UMFANEKISO: Amakomoti asekuhlaleni ngelixa befundiswa ngokunceda abantu ngokwezimali.

Ingqeqesho yoWard Committee

UMasipala wase Mbizana ubambe izifundo zamakomiti asekuhlaleni (ward committees) ngenyanga kaJune kwilali ezohlukeneyo zaseMbizana.

Injongo yayikukuphucula izinga lokwazi kwamakomiti asekuhlaleni nokuwaxhobisa ngemfundo engcono nanjengoko ixesha lee Ward committees lisiya ekupheleni kunyaka ozayo. Ezizifundo zazigxininisa kwindima edlalwa zii Ward Committees ekuncedeni nasekucebiseni ngeemfuno zoluntu ingakumbi kwicala lezezimali. Oluqeqesho uMasipala ubambisene no Old Mutual kwaye zoyi 31 iiWards ziyabandakanyeka kolu qeqesho yaye enye yeenkalo zophuhliso ebelucangcatha kuyo kukucwangcisa imfuno zemali ngendlela eyiyo.

Uphethulo lweSoyi ka R61

Iphethuliwe ngumphathiswa wezeendlela nemisebenzi yoluntu u Thandiswa Marhawu isoyi yolwakhiwo lomgwaqo u R61.

Lomgwaqo uzokwakhiwa ukusuka eCasino ukuya kuma eMagusheni yaye yintywenka ezizigidi ezingama R930 Miliyoni ezosetyenziswa kulo msebenzi. Esenza udlwabevu lwentetho umphathiswa uthe obu bubungqina bokuba uRhulumente akenzi zithembiso angazuzifeza. Lo msebenzi uzakuvelisa imfumba yamathuba omsebenzi ukuze kuxhamle bonke abantu abafuna umsebenzi. Lamizwi uwathethele eCultural Village eMbizana xa ebenikezela khona umsebenzi kuno Kontilaki walo mgwaqo. Abantu base Mbizana baluvuyele kakhulu oluphuhliso besitsho nokutsho ukuba ngenene lomsebenzi uzakunuka abantu abaninzi amathuba empangelo kwaye uzokuphucula nezinga lemigwaqo yalapha eMbizana.

Amabhaso kasodolophu wezikolo nabafundi abagqwesileyo

UMFANEKISO: Usodolophu waseMBizana kunye nabantu besebe lezemfundo benikezela ngeLaptop kumfundi owasebenza ngokuzikhandla kunyaka odlulileyo.

Umasipala wase Mbizana kwakunye necandelo lezemfundo bebenomcimbi wokuwonga izikolo zasekuhlaleni ezenze kakuhle ngenyang ka May 2015 kwisikolo sase Chief Dumile bebakwaqhwabela izandla abo bathe bagqwesa kwizi fundo zabo kunyaka ophelileyo.

Injongo yalomnyhadala yayikukukhuthaza abantwana abenza ibanga leshumi kulonyaka nabo bangenza nangaphuzulu kwaba balonyaka ophelileyo. Kukwawongwe Notishala abathe bapaselwa kakulu isifundo ngasinye ebesifundisa, kunye nesikolo esithe sagqwesa ngokupaselwa kakuhle ngabantwana .

Usodolophu wase Mbizana uTatu Crll Twabu ubulele ngokungazenzisiyo Icandelo lezemfundo ngokwenza umcimbi omhle kangaka,uphinde wabulela kakhulu abantwana benze kakuhle esithi unebhongo ngalento bayenzileyo enethemba lokuba bazakufumana ezingaphezulu kwezi iziphumo kulunyaka uzayo. Usodolophu ugxininisile okokubana indlela eya empumelelweni ayikho lula uyababongoza ukuba mabafunde incwadi zabo , bangazoyiki Izibalo kwanezbu Nzululwazi.

Abafundi bacetyiswe ngezifundo zedyunivesi

UMFANEKISO: Abafundi bezikolo zasekuhlaleni eDudumeni ngelixa kufike abantu basezidyunivesi bezobaxhobisa ngezemfundo.

UMasipala wase Mbizana kwakunye nesebe lezemfundo baqhube inkqubo yokucebisa nokuxhobisa abafundi ngeze dyunivesi kwiveki yokuqibela kaMay 2015.

Lenkgqubo yenzeka rhoqo ngonyaka iqondene ncakasana nabafundi benza ibanga lesibhozo (Grade10) ukuya kwibanga leshumi (grade12) bazokwazi ukukhetha ezozifundo umntu azokwazi ukuzenza xasele epase ibanga leshumi. Lenkqubo yayibanjelwe e Dudumeni CHS, Marhelani SSS, Ngalonkulu SSS, Nongeke SSS kunye naseMzamba CHS unkanti ezinye izikolo zazingaphantsi kwezikolo ndizidwelise ngaphezulu. Abanye babathathi nxaxheba yayi yiDyunivesi yase Nelson Mandela Metropolitan University (NMMU), Isebe lezeMpilo, iYouth Quack, SAPS, onoNtlalontle, DRDAR, Parks ne Tourism Agency (abakhenkethi). Lubeyimpumelelo kakukhulu olusuku bekwancoma abahlali ukuba uMasipala uyasebenza ingakumbi kwelicala labantwana abasafuna ukuqhubeleka nezifundo zabo ngoba uyabancedisa nangoku aplayisha.

Inkomfa yosomashishini

UMFANEKISO: Usekela mphathiswa wezoqoqosho kwilizwe lonke u Mnu Mcebisi Jonas nomphathiswa wezoqoqosho ephondweni uMnu Sakhumzi Somyo ngelixa bendwendwele eMbizana.

UMasipala wase Mbizana kutsha nje ubambe inkomfa yoshishino ngenjongo yokuncedisa amashishini amancinane ukuze akhule de afikelele kwizinga eliphezulu ukuze kukhule uqoqosho lwase Mbizana.

Usekela mphathiswa wezoqoqosho kwilizwe lonke u Mnu Mcebisi Jonas nomphathiswa wezoqoqosho ephondweni uMnu Sakhumzi Somyo banike amacebiso apheleyo okukhulisa amashishini amancinane. Kamva bobabini abaphathiswa usodolophu wesithili umama u Emice Dika ,usodolophu wase Mbizana ubawo u Makhaya Twabu bathathe inxaxheba kwingxoxo esasazwa ngqo kwi Nkonjane FM n apho bekuxoxwa khona ngeziseko zokuphuhlisa uqoqosho. Usodolophu wase Mbizana ubawo Ubonakalise ukuyithemba inkomfa nezigqibo okanye amacebiso ayo esithi xa zingenziwa zonke izinto ekuthethwe ngazo kakhulu okungazuzwa yiMbizana nanjengoko kungafunquka izinga lokuqoqosha luye phezulu kutshop kuphele nendlala.

Kunikezelwe ngamabala okudlala eNomathebe

Isebe lezemidlalo nezeNcubeko lu tyelele eMbizana ngo April 2015 nge njongo yokwenza umehluko kwezimidlalo ingakumbi ezilalini baninzi abantwana abanentalente ingxaki ibikukuba abanandawo zo-kudlalela.

Injongo yokundwendwela kwelisebe ibikukukhuthaza abantwana abasebancinane abasafundayo bazithande zonke intlobo zemidlalo. Usihlalo wezemidlalo neze ncubeko, ohloniphekileyo uMamu Beauty Dlulane unikezele ngebala lokudlala eNomathebe Junior Secondary School, esithi ufuna abantu bakubone ukubaluleka kwezemidlalo ngoba kubantwana bapha, kungaphuma osaziwayo. Umamu Dlulane ugxin-inisile ukuba lendawo yokudlalela izakuba luncedo ekunciphiseni ukutyiwa kweziyobisi. Abahlali base Mbizana bayivuyele kakhulu lento bayenzelwe lisebe lezemidlalo, bethembiza ukuba bazolinono-phela elibala balikhusele kangangoko banakho kwaye bazoqinisekisa ukuba bayadlala abantwana kulo.

UMFANEKISO: Ohloniphekileyo uSihlalo wesebe lezemidlalo kunye no-Sodolophu waseMBizana ngelixa kuvulwa amabala aseomathebe.

Iveki yeMbizo zikaRhulumente

UMFANEKISO: Umphathiswa wentlalontle ngelixa ethetha nabahlali baseMBizana abaxhamla ekuphiweni ukutya ngemibhiyozo kaRhulumente.

Umphathiswa wentlalontle nophuhliso loluntu u mama uBathabile Dlamini undwendwele abahlali base Mbizana kwi ntlangano ebizwa ngokuba yiveki yembizo zika Rhulumente. Le mbizo yayingomhla ka 10-April-2015 ibanjelwe eMputhumi Mafumbatha Stadium.

Injongo yokuza kukampathiswa kukuzozama ukuxazulula ingxaki zabahlali abahlangana nazo, ekwafuna nokunceda amakhaya ahlelelekileyo umzekelo abantwana abadlala indima yobuzali kuba bengasekho abazali babo.uphinde wagxininisa ukuba abahlali mabatsho konontlalo xabegalufumani uncedo okanye behlangabezana nobunzima, Ukwababongoza ukuba mababuze igama lomntu xa emnceda.umphathiswa uluvale kakuhle usuku ngokonwabisa oMakhulu noTatomkhulu ukususka kwabaneminyaka eyi 90 ukuhla kuyakuma kweyi 50. ubanike iingubo neepasela zokutya. Ootishala abafundisa amabanga aphantsi (uGrade R) ubanikeiziqinisekiso zokubagunyazisa ukuba bakulungele ukufundisa abantwana.

Olusuku lube yimpumelelo kakhulu ngokuba wonke umntu uhambe onwabile kukundwendwelwa ngumphathiswa wabo.

Kufundiswe ngokulima

UMFANEKISO: Abahlali baseDyifani ngelixa kufike iArente yezolimo bebonakalisa ukuvuya kwabo ngenkqubo abayiphathelweyo.

I Arhante yophuhliso lwamaphandle eMpuma Koloni ibambe usuku lokwabelana ngolwazi (information day) eDyifani .

Oku kwenzelwe ukuba kufundiswe amafama noluntu ngokubaninzi kwamathuba engqesho afumaneka kwezolimo nokuqwalaselwa indima esele ihanjiwe kulwakhiwo lomzi-mveliso owakhiwayo kwalapha e Dyifani.

Kwakhona olutyelelo lwe Arhante yophuhliso belujonge ekukhuthazeni abantu ukuba banciphise indlala ngokutyala okanye ukulima umbona nanjengoko umbona isityalo esilula ekutyalweni nasekukhulisweni xa kuthelekiswa nezinye izityalo. Abasuka kule arhante bathi, amafama alima umbona kule ngingqi azakuvelisa iindidi ngeendidi zemveliso kuba umhlaba waseMbizana utyebile.

Imibhiyozo yosuku lwe Afrika

Olu lusuku olulodwa olwaziwa njengeAfrica Day lokuqwalasela imiba ethile kwi Afrika iphela kumhla we25 kwinyanga ka Canzibe (25-May 2015).

Minyaka le kubhiyozelwa olusuku kukhunjulwa ubuzwe nokumanya bonke abantu base Afrika ngaphandle koku calu-calulana. Kulonyaka olusuku lubhiyozelwe kwilali yase Xholobeni (ku ward 25) nalapho isebe lemfundo likhuthaze khona ukuba abantu mabayazi imbali yabo nelizwe ngokubanzi yaye iphele into yokucalu-calulana ngokobuhlanga (Xenophobia). Olusuku lufika ngexesha abemi bamazwe ase Afrika bake bahlaselwa kanobomi ntoleyo eyenze ukuba lubaluleke kakhulu olusuku. Ulutsha lukhuthazwe ukuba lusebenzise izakhono netalente zalo , nanjengoko emaninzi amathuba empumelelo xa umntub ezama engahlalanga phantsi.

Imibhiyozo yeNcwadi

Umasipala waseMbizana wayebhiyozela usuku lwencwadi olusoloko lubhiyozelwa ngenyanga ka April. Lemibhiyozo ibiqhutywa eXholobeni kunye nase Nkantolo.

Ezintsuku zemibhiyozo ziquka intsuku zokuzalwa nokubhubha kwababhali abaziwayo abafana no William Shakespear,Joseph Pla, A.C Jordan, SE.K Mqhayi ect. Isizathu solusuku ibikuku fundisa uluntu ngokuba malikhuthalele ukufunda iincwadi ukuze bandise imfundo kwakunye nolwazi ,ukuze kubekhona izikolo ezifumana iziphumo ezintle zabantu abadala. Abahloniphekileyo ebethetha ngolosuku ubethetha ngolusuku ukwenzela ukhuthaza abahlali ukuba bayibone ukuba lento yokufundwa kwabo ibalulekile kananjalo izakwazi ukubancedisa ekuvuleni amathuba omsebenzi.umama uSomadlangathi olilungu le Thala lencwadi uthe lemfundiso ikwa lithuba labantu abatsha ukuba babeke konke ecaleni babhekane nencwadi zabo. Abahlali base Nkantolo nase Xholobeni balibulele kakhulu olusuku lwenziwe nguMasipala besthi bebecinga imfundo yeyabantwana kuphela.

UMFANEKISO : uMnu. Pepu ethetha ngokubaluleka kwemfundo kubahlali baseXholobeni.

UMasipala uvule iOffice ezintsha

UMasipala unikezele ngempahla zesikolo kubantwana

UMFANEKISO: Umphathi ojongene noSPU ngelixa enikezela nge Mphahla zesikolo kubafundi kunye neNqununu yesikolo.

VOLUME 1, ISSUE 4

Iphulo lokufundisa ngolwaphulo mthetho

UMFANEKISO: Abahlali bakwa17 ngelixa befundiswa ngokuzikhusela nolwaphulo mthetho.

Inkampani yabantu abatsha I Love Life ,uMasipala wase Mbizana kunye namanye amasebe karhulumente adibana kwa Nikhwe ngomhla ka 17 – April -2015 ukufundisa uluntu ngolwaphulo mthetho.

Lomsitho ubuqquzelelwa lulutsha lakwa Nikhwe ngenxa yolwaphulo mthetho olubhidlangileyo kwilali yabo. Lemfundiso ibikukuncedisa amasebe kaRhulumente ache ubuhlobo nabahlali ukuze kunciphe izinnga lokudlengula, ukubulawa kunye nokukhuthuzwa kwabantu. Umhlekazi uMabhoza osuka kwisebe lezokhuseleko elaziwa ngokuba yi Correctional Services ucebise abazali ukuba bazixelele izinto ezenziwa ngonyana babo ingakumbi xa beqala kwalaphe endlini ukwaphula umthetho enye into ibi-soloko ithethwa kulomsitho ibikukunxila kolutsha kwanoku mitha kwa-mantombazana aselula.bathe kea bantu abatsha balendawo xabewuqukum-bela lomsitho kungaphela zonke ezizinto kukhalwa ngazo ukuba umntu nomntu anagayazi indima ayidlalayo ukukhusela abahlali. Lemfundiso ya-bayimpumelelo kuba abahlali babulela kubaququaelelio besithi bafunde lukhulu.

IFinal yeMidlalo yendebe kaSodolophu

Umasipala waseMBizana ubambe umnyhadala wokhuphiswano wendebe kaSodolophu ngenjongo zokuphuhlisa ezemidlalo kwizinga labantu abatsha.

Omnye wenjongo zalomnyhadala ibikukuncedisa nabantu abatsha ekuphuhliseni amaphupho abo kwezemidlalo bahlukane nokuzisondeza kwizinto ezitshabalalisa ingomso labo. Olu khuphiswano lwaqala kwizinga leeward ze eziward ziphumeleleyo ziye kuma gqibela kanqoyi (Final). Abaphumeleleyo bame ngoluhlobo. **Kwibhola yomnyanza** kwisigaba sesithathu ingu ward 23, kweyesibini indawo inguward 7 ukanti kweyokuqala inguWard 10. **Kwezombhoxo**, kwisigaba sesithathu ibingu ward 22, kweyesibini inguWard 18 eyokuqala inguWard 2. **Kwibhola ekhatywayo**, kwisigaba sesithathu ibingu ward 22, kweyesibini ingu ward 12 eyokuqala inguward 17. **Table Tennis**, isigaba sesithathu ngu ward 18, esesibini ward 23, esokuqala ward 17. **IVolley Ball** yosisi isigaba sesithathu ngu ward 21, esesibini ingu ward 1 ukanti esokuqala ingu ward 6. **KwiVolley Ball** yobhuti, esigaba sesithathu yayingu ward 18 esesibini ngu ward 29 ukanti esokuqala ingu ward 1. Kwi **Tennis** yobhuti uJabu Ndlovu wawongwa kwisigaba sokuqala ukanti kweyosisi yayinguNcebakazi Ngamza owafumana esisicoco. Kukhuphiswano **lwezizigantsontso** uNathi Marhashi wawongwa kwisigaba sokuqala kwicandelo lababunzima ku60kg, ukanti kwababunzima ku65kg yabanguMzwanele Mdweshu owawongwa kwisigaba sokuqala ukanti uMandisi Majola yena wawongwa isigaba sokuqala kwicandelo lababunzima ku75kg.

Ohloniphekileyo usodolophu waseMBizana uCllr M.M Twabu unikezele ngeembasa kunye neKit kuzo zonke indidi zemidlalo nabo bagqwesileyo kwimidlalo nganye ibidlalwa. USodolophu ukhuthaze bonke abadlali ukuba baqhubekeke bedlala kwi ward zabo bangalindi ukhuphiswano kuphela. Ugqibe ngelithi ulutsha malusoloko luzimisela ukuze lusoloko lufumana imbasa.

PLEASE RECYCLE

WAIST MANAGEMENT TEAM

EARTH DEPENDS ON US

Recycling Reduces Waste Products

Landfills are mostly composed of non-biodegradable waste which takes long time to decompose. By recycling, we can lessen the waste materials that are placed into landfills and we are able to make the most out of these materials. If we don't recycle, more and more garbage will go to landfills.

Recycling Helps you Save Money

Recycling provides ways to save money. You can sell recyclable materials to organizations that are willing to buy it. Using products that are recycled lessens expenses. Products that are made from recycled materials are less expensive than products made from fresh materials.

Keep Bizana Clean

Members from all wards can make money from recycling. All the bottles or cans can be sent to **SASUKA Recycling** at Bizana.

Recycling Saves Energy

It takes less energy to process recycled materials, it takes a lot less energy to recycle paper than to create new paper from trees. The energy from transporting materials from the source is also saved. Saving energy also has its own benefits like decreasing pollution. This creates less stress on own health and our economy.

Vision

Mbizana aims to be a flourishing local municipal area with a growing economy creating employment and sustainable communities where everyone has access to equal opportunities.

Mission

The mission for Mbizana Local Municipality is to be a well governed municipality committed to discharging its legislative and constitutional mandate through:

a) Investing in its people to fight poverty;

b) Providing affordable services;

c) Facilitating a people-driven economy;

d) Building sustainable communities;

e) Protecting and preserving its environment to the benefit of its people;

f) Strengthening a culture of performance and public participation;

Values

In addition to the Batho Pele Principles, our municipality commits itself to upholding the following set of values:

- Good Governance
- Accountability
- Public Participation
- People Development
- People Driven
- Integrity
- Tolerance
- Responsibility

UMANYANO NGAMANDLA

Mbizana Local Municipality
51 Main Street
P.O Box 12
4800